## Amagama amatsha amabawaqhele

| | |
|---|---|
| uMzantsi Afrika | ngokutsha |
| ngesixhobo | ingwenkala |
| indwe | isiqwane |
| yintyatyambo | |

## Izandi (ukuqwalasela kwakhona)

bh, hl, kh, kw, lw, mb, nc, nd, ng, nk, nq, nt, ny, nz, ph, rh, sh, th, ts, ty

## Izandi

kr (u**kr**ebe, eli**kr**ele**kr**ele)

zw (wesi**zw**e, yesi**zw**e, sesi**zw**e, lesi**zw**e, ibi**zw**a, likwabi**zw**a, elibi**zw**a, libi**zw**a, li**zw**e, lili**zw**e)

ndl (zase**ndl**e, i**ndl**ovu, i**ndl**ulamthi, elwa**ndl**e, kwiilwa**ndl**e, ulwa**ndl**e, ngee**ndl**ela)

ntl (i**ntl**e, e**ntl**e, yi**ntl**anzi, nee**ntl**anzi)

VulaBula **Uthotho lweencwadana zebanga loMgangatho osisiSeko**

Ipapashwe 2013 ngabakwa-Molteno Institute for Language and Literacy
Zisekwe kwimvelo yothotho lweencwadana exhaswe yi-Zenex Foundation

★★★★★ *UMzantsi Afrika ngowethu*
- Umhleli wothotho: **Jenny Katz**
- Abaqambi bamabali: **Jenny Katz noMirna Lawrence**
- Umsebenzi: **Jenny Katz**
- Incutshe kulwimi isiXhosa: **Nolitha Bikitsha**
- Umzekelisi: **Marleen Visser** **(uqweqwe nephepha lesi-8)**
- Iifoto: **iCLIPART.com** (*unombombiya*, **iphepha lesi-5**), **Schalk Viljoen** (*irhalyuni*, **iphepha lesi-6**)
- Uyilo nongqaleko: **Resolution**

© 2013 Molteno Institute for Language and Literacy

ISBN 978-1-77580-154-2

Creative Commons Attribution-NonCommercial-NoDerivatives (CC BY-NC-ND) 4.0 International Licence

Disclaimer: You are free to download and share this work as long as you attribute the Molteno Institute for Language and Literacy, but you may not change this work in any way or use it commercially.

Ngo-1994, uMzantsi Afrika wazalwa ngokutsha!

Samkela umongameli uNelson Rolihlahla Mandela. Sacula umhobe wesizwe *uNkosi Sikelel' iAfrika*. Samisa iflegi emibala imithandathu.



uMadiba



iflegi yelizwe



isixhobo somkhosi wesizwe

umhobe wesizwe

**Nkosi sikelel' iAfrika**

Nkosi sikelel' iAfrika
Maluphakanyisw' uphondo lwayo,
Yizwa imithandazo yethu,
Nkosi sikelela, thina lusapho lwayo.

Morena boloka setjhaba sa heso,
O fedise dintwa le matshwenyeho,
O se boloke, O se boloke setjhaba
sa heso,
Setjhaba sa South Afrika – South Afrika.

Uit die blou van onse hemel,
Uit die diepte van ons see,
Oor ons ewige gebergtes,
Waar die kranse antwoord gee,

Sounds the call to come together,
And united we shall stand,
Let us live and strive for freedom,
In South Africa our land.

Imali yesizwe ibizwa **iiranti neesenti**.
Ibhalwa: iiranti – **R**, iisenti – **c**.

Iphawulwe ngesixhobo somkhosi wesizwe nangesityalo okanye isilwanyana saseMzantsi Afrika.

umphambili



umva




5c 10c 20c 50c R1 R2 R5 R5




R10 – umkhombe




R20 – indlovu




R50 – ingonyama




R100 – inyathi




R200 – ihlosi


Ziindidi ngeendidi zezilwanyana zasendle ezifumaneka kumathanga ezilwanyana apha eMzantsi Afrika. Kuzo ezi, esikhulu kakhulu (indlovu), esona side (indlulamthi) nesibaleka kakhulu (ingwenkala).



isilwanyana sesizwe:
**ibhadi**

**Ibhadi** sisilwanyana sesizwe. Likwabizwa ngegama i"*Springbok*" elibizwa ngalo iqela lombhoxo lesizwe.


indlovu


indlulamthi


ingwenkala


ingonyama


iqudu


ihlosi


umkhombe


inyathi


inqu

**Indwe** yintaka yesizwe. Intle, inobude obuphakamileyo.

Ziindidi ngeendidi zeentaka ezifumaneka eMzantsi Afrika.



intaka yesizwe: **indwe**



iinciniba

Eyona ntaka inkulu, inciniba, iyafumaneka.



unombombiya

Unombombiya, intaka edada elwandle, iyafumaneka.

Zombini ezi ntaka azikwazi ukubhabha!

**Irhalyuni** yintlanzi yesizwe. Ifumaneka kwiilwandle zoMzantsi Afrika kuphela.




intlanzi yesizwe: **irhalyuni** *(i-galjoen)*

Ulwandle lwethu lunezilwanyana neentlanzi ezinomtsalane! Sinomnenga omkhulu kakhulu, ukrebe onobungozi nehlengesi elikrelekrele.



iminenga



ukrebe neentlanzi



ihlengesi



ufudo lolwandle

**Isiqwane** yintyatyambo entle yesizwe. Iqela leqakamba lesizwe libizwa ngegama, isiqwane - "*the Proteas*".



intyatyambo yesizwe: **isiqwane**



umthi wesizwe: **umkhoba**

Sinomthi wesizwe, **umkhoba**. Ngumthi okhule kweli lizwe ixesha elide.


UMzantsi Afrika, lilizwe elindalo intle ngenene!




umlambo



intlango



intaba nonxweme



ihlathi




Siluhlanga lomnyama!
Sithetha iilwimi ngeelwimi.
Silandela amasiko ngamasiko.
Sitya ukutya ngokutya.
Sikhonza ngeendlela ngeendlela.

Singabantu boMzantsi Afrika.
UMzantsi Afrika ngowethu.

# Umsebenzi

Gqibezela izivakalisi ngokuchonga imiqondiso ezekelisa isizwe soMzantsi Afrika.

A

indwe

B

isiqwane

C

ibhadi

D

irhalyuni

E


iiranti neesenti

F

umkhoba

G

uNkosi Sikelel' iAfrika

1. ______________________ yimali yesizwe.

2. ____________________________ ngumhobe wesizwe.

3. _____________ sisilwanyana sesizwe.

4. ____________ yintaka yesizwe.

5. ________________ yintlanzi yesizwe.

6. _______________ yintyatyambo yesizwe.

7. ______________ ngumthi wesizwe.

I-*Vula Bula* yinkqubo eyodwa kuba iveliswe kwisiseko solwimi ngalunye kwiilwimi zeemvelo zoMzantsi Afrika. Inkqubo iyilwe ngononophelo, ivumelana ingqinelana kananjalo nokukhula kolwimi endalweni kwakunye neemfuneko ezingundoqo zobuchule bokufunda nokubhala ulwimi.

Vula Bula

**INQANABA loku- ✶ (8)**

Hayi!
Vula vala
Baleka!
Lala
Bala
Coca
Zoba usike
Mamela

**INQANABA lesi- ✶✶ (7)**

Jika
Utata usele nosana
Umnikelo
Lelikabani eli vili?
Uhambo
Sebeza
Ekhaya

**INQANABA lesi- ✶✶✶ (6)**

Ncedani!
Yophukile ifestile
Uphi uZinzi?
Sityiwe isonka
Sidlala undize
Izinyo

**INQANABA lesi- ✶✶✶✶ (5)**

Evenkileni yempahla
Umnqathe omkhulukazi
Ibali lobugqi
Gcinela ingomso
Isuphu yelitye

**INQANABA lesi- ✶✶✶✶✶ (6)**

Idabi lomoya nelanga
Umvundla nofudo
Ingonyama nempuku
Ukubhaka nomakhulu
Edolophini
**UMzantsi Afrika ngowethu**

Iincwadana zebanga zibonelela ngamathuba amaninzi okuqhelanisa amaqela, okhokelwayo, isibini nozimeleyo ukufunda ukuguqula umbhalo ofihlakeleyo wesandi/ubugcisa bokwazi ukubiza ufunde igama ngokubona into. Izivakalisi ezakhiwe lula nacacileyo nesigama esiqhelekileyo zenza inkqubela nokufunda kukhawuleze. Imizekeliso enomtsalane, ecacileyo nenenkcazo epheleleyo yenza kube lula ukuqonda.

## ISIXHOSA

ZENEX FOUNDATION
MOLTENO INSTITUTE FOR LANGUAGE AND LITERACY

CC BY NC ND

ISBN: 978-1-77580-154-2